# IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION)

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, DECEMBER 29, 1884.

[No. 9.


*Ololiwe baka Rulumeni.—Isebe lase Mpumalanga.*

## Iholide ze Kresmesi ne Nibidyala,

1884-85.

ITIKITI ZOKUSINGA EKUTINI NOKUBUYA zemigama engapaya kwemayile ezi 30 ziyakunikwa ngo LWESINE, 18 DECEMBER, nemihla elandelayo, de kube kubandakanywa no MGQIBELO, JANUARY 3, 1885, ze umntu ayifumanele ukuze abuye nangayipina i treni de kube ngo MGQIBELO, 17 January, 1885.

ITIKITI ZOKUPINDA INDLELA NGEXABISO LE HAMBO NGAMANYE AMA XESHA, ziyakunikwa kuzo zonke izi Teshoni ukuya napina ngexa leholide ngolu hlobo NGO LWESIHLANU December 19, 1884, YONKE IMIHLA, de ibe (nawo ubandakanywa) ngu MGQIBELO, 3 January, 1885, abe nokuyipinda indlela umntu kude kube ngo LWESITATU, January 7, 1885.

Ukuhamba kwe Treni.—Amalungelo angapezulu.

Itreni esuka ngo 7'10 ngokuhlwa e KOMANI eya e MONTI iyakubaleka ngo LWESITATU, 24 December, nange CAWA, 28 December, nango LWESITATU, 31 December, ifike e-Monti ngo 6'39 kwakusasa ngimeni elandelayo.

Itreni yo 6 ngokuhlwa esuka e MONTI eya e KOMANI iyakubaleka nge Cawa 28 December, nango LWESINE 1 January, 1885, ifike e KOMANI ngo 7.30 kwakusasa nge- landelayo imini.

NGOMHLA WE KRESMESI WODWA kuye kubaleka ezi Treni

EZIHLAYO.—6 20 kusasa yosuka e QONCE iye e MONTI.
2 35 ukumkakomhla, yosuka e MOLTENO ize e KOMANI.
EZINYUKAYO.—8'10 kwakusasa yosuka e KOMANI iye e MOLTENO.
6 ngokuhlwa yosuka e MONTI iye e QONCE.

Abapati bololiwe abasakuwu cukumisa umsebenzi wo kulhanganisa, no kwaba, no kutwala impahla enkulu nencinane Ngomhla we Kresmesi, nge Lwesihlanu 26 December, 1884, nango Lwesine, January 1, 1885.

T. R. PRICE, Umpati wesebe loku twala.

I Ofisi ezinkulu e Monti, December, 1884.

## ISAZISO.

(Yaqalwa ngo 1879).

Mna, Ugama, libalwe nga pantsi ndiyabazisa bonke abahlobo bam abakwezi ndawo ndizilandelisayo

Emonti, Nxarunu, Kwelera, nase Tyolomnqa, ukuba ndivule impahla entle kunene ye Krisimesi.

Ikeleko kususela kwi tiki kude kuse kwi sikisipeni iyalidi.

Iprinti kususela kwi tiki inehalafu kuse kwi dobilityi ezisipohlongo iyalidi.

Izinxibo esezenziwe kade, Ihempe zamanenekazi, izi teyizi, njalo, njalo.

Incawa, kwanamafelane.

Imbewu yombona wa Majelimane.
„ „ wa Maxosa

Isangcozi ngenani Elilula.

Amazimba, Umgubo wamazimba.

Umgubo Wombona,

Zonke ezimpahla zitotywe ngenxenokubona imbandezelo kwizihlobo zake ngoku kodwa kweli xesha.

*TETINT 'BENYE.*

Smith Street, Emonti, December, 1884.

## Kaunqumame! Funda Apa!!

u W. BOOTH,

Uyakutabata ekuqaleni konyaka yonke ivenkile ebi- petwe nge Mr. F. FENNELL.

## E-Sautana, Kwela Mamfengu

Njengokuba u Mr. FENNELL eminyaka ilishumi lin mibini nje ubenga sayikulishiya i Sautana nendoda angayi tembileyo.

Uyakutenga zonke izinto ezinjengezo ziveliswa ngumhlaba: noboya, nezikumba, njalo njalo, njalo njalo, ngamanani apezulu anokunikwa napina kwelo la Mamfengu.

Ukuba ufuna impahla entsha efanelekileyo neyanelisa umxelo ngomnyaka omtsha yiya ku.

W. BOOTH, e-Sautana

Impahla ayakuyigcina yenyulwe nganyameko nga madoda akwaziyo ukwenjenjalo.

Itengiswa yonke ngamanani anikwa e-Qonce.

Kumbulani u W. BOOTH, e-Sautana, emva kwe Nibidyala.

W. O. CARTER & CO.,
Kwikundla ka Makeleni, e-Qonce.
(Maclean Square).
Yizani kuhlola impahla.
Akabizwa nto ubani ngokuhlola!

Iswekile (eyona ixabiso lipantsi kulomzi.
Isepa, *Uldobo olutsha olulunge kunene*
Inkumtye, nezipato zazo, intlobo ezingadli kubonwa.
Inkumtye ezinkulu (basins) ne pleti, njalo njalo.
Ikeleko ne Printi ezidlulise- leyo
Ibulukwe zekodi nezoboya zentlobo zonke.
Ibatyi, ne ndulu-batyi.

Umgubo, nombona ngamaxabiso anikwa emarikeni.

Imikala netuma zamahashe (engonoxesha).

Lempahla ingentla, okanye nto yonke eningayinqwenelayo ninokuyi- fumana tshipu ifanelekile ezitoreni zetu.

P.S. — Uboya, Izikumba zenkomo, neze mpahla em- futshane, zitengwa apa.

*PAULA. — Izicaka ezifuna umsebenzi zingeza apa, kuba sinencwadi ati onke amaledi afuna abantu azise kuyo.*

W. O. CARTER & CO.,
Maclean Square,
KING WILLIAM'S TOWN.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo, noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, Kwisitora esinga pantsi ese- sitatu, No.* 3, *Kwinkundla, ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma- calana onke e-Koloni.*

M. L. GERRARD,

Umteteleli kwi Ofisi yemantyi e Komani.

Uteta amatyala kwi ofisi ye mantyi. Iminqopiso yokwanana kwemihlaba uyayifeza kwaneye mvumelano.

Ulungiselela abo baqondayo ukuba abana- Kuwahlaula amatyala abo ngokubala amapepa abonisa oko.

Abanemali ebanjwa ngabangena kuhlaula amatyala ivakaliswa nguye into leyo ematyaleni. Iminqopiso yamafa uyayibala, kwanezinye into zase mtetweni. Uhlanganisa izikweliti, ayinike uminiyo imali kwa oko. Incwadi zabasebenzi usigcina kakuhle.

Paula oku!

JOHN CHARLTON,

*Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,*

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ngo 1878.

*UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA*

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwananwa kwezi qiniselo zomhlaba—yonke lemicimbi yenziwa ngokukauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyala.

Wonke umntu ontsundu- ose Jagersfontein makaye kubona u

## Mitchell no Greenlees.

Ibulukwe ze 10/-; Ibatyi ze 12/6; Izihlangu ze 12/6: Iblankete ze 10/:

Iminqwazi ye 5/.

Iswekile, nekofu, ne Cuba, zonke ezizinto zilungile zi tshipu.

Eyona mpahla ininzi e Jagersfontein.

U-M. no G. bayitenga Engilane nase Skotilan eyabo impahla. Yonke impahla yabo inyulwa ngenyameko ngabahlobo babo aba "se kaya" kwindawo ezingedulu, amaxabiso abizwa ngabo alunge nangangawapina anokufunyanwa apa e South Afrika.

*Akunaku fumana nto igqite eyabo ngokulunga ngexabiso olirolayo.*

## M. KEEVY & CO.

(Kwivenkile ebisakuba yeka Ngomti)

E-Bolorweni, nakwi strata sase Durban nakwa Komani.

Abatengi nabatengisi bempahla ngempahla.
Amaxabiso amakulu ayanikwa ngo Boya, Nezikumba nentwana zonke ezitengiswayo.

## J. no-C. HEDDING,

Abatengisi- bempahla Yama-Xosa,

Kwi Venkile Yakwa Ngqika,

e-QONCE.

Ikwangabo e-MKANGISO,
Kwa-TESE
Kwi Xesi elilunge ne NCABASA.

Abatengi bo-boya, nezikumba Zenkomo ne zempahla emfutshane ne mpondo.

## *Kubumkeli be-Mvo.*

NJENGOKUBA kuko uku ngaqondi ngemali ezihlaulelwe le-Kota, singa singenza incazo yokuba esisenzo asiteti kuba amapepa awaku tunyelwa kwakuba ngumhla wo 31 December, 1884. Into leyo ibonisa ikota ahlaule pakati kwayo umntu. Oku kwenzelwa ukwenza lula umsebenzi wokulungisa incwadi zentlaulo.

## SITUATIONS.
## Vacant and Wanted.

THE "IMVO" having an exceptionally large weekly increasing circulation for a New Paper throughout the Colony and the adjacent Territories, is the best means of advertising for Native Servants with recommendations.

Terms—Three insertions, 5s. cash, for parties advertising Vacant Situations.

## KUFUNWA.

ITITSHALA entsundu. Kunqweneleke onesiqiniselo ngoviwo, opapamela into zonqulo pakati komzi ontsundu. Oyifunayo indawo leyo mabehle abalele ngokwake, atumele namapepa axela isimilo sange 'nx'engapambili ku Rev. R. W. STUMBLES, S. Luke's Mission, Newlands, East London.

## "I-CAPE MERCURY."

Ofuna ukulibona elipepa angatumela atunyelwe libelinye.

Elipepa lishicilelwa e-Qonce ngabo bonke O-Lwesibini, no-Lwesine, ne-Migqibelo, litunyelwe kwaoko kuzo zonke indawo.

INTLAULELO:

Apa e-Qonce 9s., Ngeposi 12s ngenyanga ezintatu.

Ngonyaka kwangapambili, esixekweni apa 30s., ngeposi 42s.

HAY BROTHERS,
E-Qonce.

## NDIPENI UMKONDO!

INKABI EMFUSA inebala elimhlope estandeni somlenze wase kohlo ; inebala elimhlope emhlana elikutukileyo—indawo angati olibonayo lalike lanesilonda kudala. Iqala ukupuma amabamba. ITOKAZI ELIBOMVU elingenabala izihlatana zifutshane itshobashe kwo kutyana.

INKABI EMTUQWA, umtuqwa obomvu onebala elimhlope lisilisa, ityeya lomnene, ungabibi inga kakulu. Umtuqwa omana ukugula xa ukwelweyo. Iminyaka yomibini lowo.

UMFUSA onekolo encinane isinqana sikwa kwamanye, imilenze emhlope kuzo zombini. Acawe ntatu namhla elahlekile. Onokundilandisa umkondo ngokude afunyanwe wovuzwa— makatumele ku

JOHN BALI.

Fort White, Debe Nek,
December 27, 1884.

G. N. TUDHOPE,

## Umenzi wemifanekiso,

Umtengisi wencwadi nemapepa,

E-QONCE.

Uvule ivenkile yama-Xosa kufupi nendawo aquba kuyo lomsebenzi ungentla.

U-boya, izikumba zempahla emfutshane nezenkomo zitengwa ngamaxiso apakamileyo anikwa emarkeni.

Yizani Maxosa, Tengani kuye!

Imifanekiso yenziwa ngesheleni ezisixenxe ezine sikisipani xe imitandatu

ONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteteni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba unokufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqiniselo somhlaba unokwenzelwa. Lemisebenzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso. .



## *Iveki.*

INGQAKAQA isanconywa kunene nganeno kwe Burghersdorp, apo bafikile ekulwini abantu abanayo kwindawo ngendawo ekoyo kuzo.

INDLALA ibafumene e-Lusutu. Amazimba atengwa ezivenkileni nge 35/ kuse kwi 45/ ngengxowa. Ingqolowa azinikanga kakuhle ngenxa yelanga.

AMANENE a 350 apesheya kolwandle angamavalanti afike ngolwesi-Hlanu (19 Dec.) anduluke kwangalomini e-Kapa ukusinga e-Gqili.

INDLU enkulu yokugcina inkedama yase Brooklyn e-Amerika itshe yapela ngumlilo ngo 21 December, yatsha kunye nabantwana abamashumi mabini.

INKUMBI zizibonakalisile e-Filipolisi e-Free State—zaleka pezu kwelanga. " Kunzima ezinkukwini," lutsho ulutsha.

UCINGO (lo 18 Dec.) olavela pesheya lubika ukuba u-General Gordon, osoloko wavalelwa e-Khartoun yimikosi yama Arab, udubule ngeruluwa umnquba wotshaba wabulala into eninzi. Iqinga lake ibe kukwenza indlela pantsi komhlaba esuka kulondawo akuyo yada yayakufika pantsi komnquba lowo wandula ukudubula.

KUVAKALA ukuba izinto ezitengiswayo zidulile ngoku e-Dayimani ngenxa yokuba abatengisi belindele ukufumana amanani amakulu ku Rulumeni ngemikosi le iya kwela Bahlambeli. Yimigcobo yodwa e-Ligwa kuba imikosi izakuba kufupi nakona.

AMAVALANTI azakuba pantsi ko Sir Charles Warren ayakuliqala idiniso ngo 1 January 1885.

AMAXABISO anikwayo ngedayimani afuna ukungati ayenyuka ngezintsuku.

UMKOMBE oyi *Spartan* ugaleleke e-Kapa ngo 25 Dec., uvela kwela Mangesi. Wanduluka kona ngo 4 December.

IZIPANGO ezikulu ziwe ngo Mvulo odlulileyo e-Makubusi nase Mgwali, ngazwinye kulomhlaba usezintabeni. Bayalima kwelo.

IMARKE yalapa ibize kanye ngo Mgqibelo. Imbangi yiholide.

OMNYE wabapati-mikosi wase Transvaal obesand' ukuhambela kwela Bahlambeli ufike ekomkulwini la Mabulu ngolwesi-Bini. Uti akusakubako mfazwe kwelo. Yonke into efunwa yi Nkosazana iyakwenziwa ngalamadoda ayakupanga umhlaba ka Montsiwa. Utsho ati u-General Warren yedwa angaku- feza konke oku ngapandle kokuba ade aye nomkosi.

ELIDABI beke lako pakati kwa Mampondo na Maxesibe lalibangwe kukubulawa kuka Tomara. Kubanjwe amadoda amabini ku Maxesibe ekutiwa ngababulali; enye kodwa izimele.

AMAVALANTI akwele emahasheni afike e- Kapa nge Krismes ukuvela kwela Mangesi. Kutiwa ngamadoda anyulwe ngenyameko odwa.

INTLANGANISO ye Bandla la Balimi lase Batenjini iyakuba se Cala ngolwesi-Tatu 7 January 1885. Besike sati ingaba ngolwe-5.

U-Mr. J. Tengo Jabavu, umhleli welipepa unduluka ngolwesisi-Tatu ukusinga e-Bate- njini kwintlanganiso ezitile eziyakubako kwelo eziyakupela ngeveki ezayo.

OLONA suku elingavakaliswa ngalo ixesha lokuhlangana kwe Palamente lolwe 2 March.

UKWAMKELWA kwemikosi kwindawo ngendawo kuyahanjiswa. Umpati mikosi u Sir C. Warren unduluke E Kapa ngo Mvulo odlulileyo ukuya e Day imani.

IMPOFU lalinentlanganiso zokucasa izigqibo zo Mr. Upington no Sprigg kwela Bahlambeli ngolwesi Bini. U Mr. John Laing wavakalisa ukubacasa kwake.

## *Imvo Zabantsundu.*

IMVO NGE "MVO "

AMAXESHA okupumla asingawo amaxesha okwende-
inteto yobuciko ingabinasaci sani kubo. Ngati ke kusifanele namhla ukuke sizikange-kangele. Ekwenjeninjalo soti bonke abatabati belipepa ngabanga lingacuma, belitabata kuba benga bangalixasa ngezenzo—oku masikupaule kuba uninzi ngezimini lukolisa ngokukohlisa ngamazwi omlomo luteta izinto olungenakuzixasa ngezenzo. Nabasixasa ngezenzo ke singati ngelixesha lonyaka sikutazane ngenxa yokupumelela kwetu kakuhle ukuza kwelixesha. Yinto eninzi incwadi esizifumeneyo ezisikutazayo kwindlela esiliquba ngayo elipepa ebesingati sitanda sizishicilele kodwa sobanika mbini kupela abafundi bemihlati yetu ye Sixosa.

Ingwevu yomfundisi omhlope okade ekweli yenjenje ukusibalela : " Ndikwenzela umqela wokuti onke amapepa *e-Mvo Zabantsundu* ndiwafumene, nokuti ingxoxo ezikuwo nokulungiselelwa kwe *Mvo* kokufanelekileyo. Ndinokupendulela ibala le Singesi kupela, ndimelwe kukuti lelincomekayo. Okubaliweyo kubalwe nge Singesi esihle, nomoya ngofanelekileyo nondilekileyo ongenakugxekwa bani. Ukuba liyakuhlala linje wonke uyakukoliswa alincome ipepa eli."

Siboniswe incwadi ngumhlobo omhlope ayitunyelwe yimantyi enkulu kulamazwe angapaya kwe Nciba-Lendoda inexesha ipakati kwabantu bakowetu. "Ndikoliseke kunene," itsho, ngamapepa e-Sixosa onditumele ukuba ndiwabone. LilungiseleIwe ngokufanelekileyo kanye: ndilinqwenelela ukupumelela ngayo yonke intliziyo yam, nditemba ukuba liyakwenza ukulunga okukulu pakati kwabantu abantsundu kulo lonke elilizwe. Ababantu bantsundu banamadoda afanelekileyo, bantloko zintle ngemvelo, ebesingebe nayo nencinane inkatazo ukuba besibape- te ngobulungisa—endinosizi ukuti oku asikwenzanga. Imfazwe ne- mvukelombuso ziveliswe yimpato yetu eposisekileyo ; into elusizi kukuba pantsi kolu laulo lukoyo ngoku ugungxuka-ndinyuke abantu abamnyama abasasiqondi bengazi nabo apo bakona " Abafundi be Singesi sibanika nenteto zamapepa Amangesi ngelipepa letu ezingafeza indawo zike zangeniswa e-Sixoseni. Konke oku sikunika ibaso abafundi betu sibanqwenelela amatamsanqa elixesha lonyaka.

## *Impawana.*

" Ayingenwa indaba yendoda nomfazi." Besifudula sisiva kusitshiwo, singazi ukuba kutetwa xa kutenina. Elibali siza kulibalisa liyakusibeka emhlotsheni esisiteto.—Kuko Ilawo e-Bayi abati ngu Gert Persents linomfazi walo ogcina lingu Christina. Ababantu bayasela bobabini, kakulu, kodwa ngalamanxila angafumane abanjwe ngenxa yokundweba. Umsebenzi wabo kukuhamba becola ibotile amatambo, namalapi amadala, beyakutengisa ngawo. Yonke lemihla ungababona betwele iziquma zamalapi berozile, kukokele induna, imazi ilandela ngasemva. Boti bebuya babesebenxila kukubi, behamba benyelisana. Ungati uke wapulapula into ababeta zona uve ubanosizi. Woti u-Chistina " Gert, ipi indlu yako uyindo-
da nje? Kuteni lento nditi ndingumfazi ndikuzalela abantwana ndibe ngumntu wokulala ekwalini yase Dubula? Ndoda uyakwaka ninina? Wawunditabate emaweni yini mhla wandizeka? Akuzanga kum ndikowetu endlwini? Ipi ilokwe yam yobufazi —ipi ityali yam yobukosikazi?" Woyiva inkunzi ihamba idumzela isiti—"Bani kaloku? Wanditanda ndingenandlu, wawuba kobanjani. Xola koko ukupiweyo. Ubusazi ukuba yona lokwali ungayenza ikaya lako ungenazwe nje." Bate ngo Mgqibelo odluleyo
besateta ngoluhlobo yaqumba indoda, yati rutu isitshetshe yati kata ngaso engaIweni yati "Yifa ke, ukuba udiniwe kukulala ekwalini." Kuvele bani wambona umfazi esopa wabiza amadindili ate wona akufika ababamba bobabini. Umfazi amnike ityala lokunxila, aza indoda elokunxila nelokuhlaba umfazi ngemela. Kusile beziswe pambi ko Mantyi, kutiwe, hi Gert, umhlabeleni u Christina. Ute yena hayi besinxila, fa-nel' ukuba uwile wenzakala. Kutiwe---
mfazi, wenziwe yini? "Hayi nkosi bendinxila into embi ndiwe pezu kwendoda ipete imela inqunqa icuba ndaza ke ndenzakala—yingozi nkosi." Ite imantyi—Gert, okwenene ayingenwa eyendoda nomfazi, sendiya kunohlwayela ukunxila kodwa ndinidle isihlanu emnye, mhlaimbi intsuku ezintatu."

ISIFUNDO.

Ungayingeni indaba yendoda nomfazi, wominxelwa.

***

Ngamanye amaxesha indaba yendoda nomfazi ifaniswa nesikele, sona simana ukupambana, kanti ungene pakati kwamacala aso omabini uyakutsheqwa.

***

Asisayi kuze sisazi isi Xosa ukuba siso esi sisive sitetwa ngumfo ka Gamalibizwa esamva etolikela umfundisi wase lyah. yayikulamazwi I. Kor. III. 6, apo u-Paulos ati:—" *I have planted, Apollos watered."* Uguqulo olutsha luti—" Mna ndatyala, u-Apolo wanyela." Kodwa umhlobo wetu ucinga ukuba isi Xosa usazi ngapezu kwabaguquli bezi Balo, ute ukutolika kwake—" Mna ndatyala u-Apolo *wanya."* Basiba tina ukutshiza amanzi pezu komhlaba nokuba uwagalela ngesitya nokuba kungomjelo ufuna ukuba umhlaba ubemanzi kukuwu *nyela.* Ukuyinya into kukuyitabata uyifake emanzini. Ukuba sibala incwadi yokucaza amazwi (Dictionary) besiyakulonje eli.

UKUNYELA—*To wet, to irrigate, to throw ' water on—to sprinkle water on.*

UKUNYA—*To dip, plunge, immerse steep or soak anything in water. To macerate, to imbue, to drench.* Kokwetu ke abaguquli bezi Balo balungisile ukuti " u-Apolo wanyela," umhlobo wetu uyaposisa Ukuti "wanya." Siti tina iminxeba iyanyiwa emanzini, kuba yiyo efakwayo kuwo, kanti udaka lokutyabeka luyanyelwa ngamanzi, kuba ngawo asiwa kulo. Usapo uluhlekisile etyalikeni mzalwana ngokuti u-Apolo wanya endaweni yokuti wanyela.

Amashwa kutiwa xa selempikele umntu awazi ngamanye. Ingqushwa ike yahlelwa zizinto ezininzi ezibuhlungu kutsha nje. Ilanga ekelako kwelozwe ngalaminyaka idluleyo libe leli kutiwa " ligwaza u-Tshaka." Indlala itike yacita imizi; into eninzi yabantu belozwe ikomapesheya kwe Nciba siteta nje. Imvula ezine ngenyanga ka October neka no November zibete satemba sati amaxesha alungileyo ayibuyele Ingqushwa. Kanti kuseko elinye, esi- tandaza Inkosi ukuba langamana lalelokugqibela. Siva ngoku ukuba ingqolowa ingenwa sisifo xa bekutiwa ziza kulunga ; zisuke zintshwence inkozo zingekavutwa—zife, kanti noko indiza ziluhlaza —azinarusi, azinaxoshomba indiza nama- gqabi. Lonto ke, utsho umbaleli wetu, inkulu. E-Bell (e-Tuwa) sebeyivuna " injalo, ingavutwanga bayibule bayibule bangazuzinto. Usizi olubi. Enye into efikileyo ziziboto ezincinane—ziyayigqiba ingca, nokoke ngati azikawadli amazimba, nombona. Noko siyoyika."

***

Lemigcana siyifumana kumhlobo ose Lukalweni Iwenyanga kwelakwa Hala.

Faka kwezo Mpawana zako lamazwana —ngamhla utile apa iqakamba laya e-Hotel; Eh! lahla lammandi kwangoko—labona mfo utile untsundu lase lingxamela ukumgqibela kwaoko, lisiti "u-cousin wam wabulawa nini wa Zulu " kwa- ti endaweni yokuba izembe lidle Umxosa latsho kumninilo pezu konyawo lamnqumla imitambo emibini kakubi. Ukwa Gqira ngoku nje. Sati tina ukuduma kwetu,—Zeka zakuminya! kuba um-Zulu ubefanele ukumbulala u-cousin wa- ke emfazweni njengokuba no cousin wa- ke ebengxamele ukubulala um-Zulu. All Saints, 24 November, 1884.

U-Lord Garmoyle unyana wesinye sezinekemba zela Mangesi ebesike silipakati elipambili la Nkosazana, , abati ngu Lord Cairns, udliwe .£10,000 ngokwapula umnqopiso womtshato. Eli- nene ladleka ngenxa yentombi elayibona icula emdlalweni otile ngo January 1883, layinika idinga lomtshato ngo July. Abazali bomfana bavume bengavumi kuba bona ingabegazi, intombi ingenjalo. Ute umfana lowo makake aye kugqiba imfundo abeyihambisa. Wabonisa unina wentombi ukuba lenjikeleza iba nenxwale- o , makutshatwe. Kute kungepi yajuba indodana, elixa utando beseluhamba apa. Lalandela elityala ligqitywe ngo 20 Nov. ngu Judge Manisty. U-Lord Garmoyle ubemelwe ngu Sir Henry James, u-Miss. Finnely emelwe ngu Sir C. Russell, Q.C., M.P., namanye amagqweta amabini.

## *E-Komani.*

[IVELA KUMBALELI WETU.]

Dec., 23rd, 1884.

Lomzi wetu wakwa Komani, asimzi ukolisa kuvakala zinto zilungileyo zimnandi zenzekayo kuwo ezibekiselele malunga nokanyo nencubeko kubemi bawo abantsundu, ingekukuba zifihlwa zihlale ziko—kukunqaba nokungxilelana kwazo. Nakuba kunjalo ke sike saba nemini emnandi kakulu apa, usuku Iwa 22 kulenyaga, ubumnandi obubangwe yi *Concert* ne *Recitations,* ebeyenziwe yi *Teacher* ne *Choir* (ekolise ngosapo Iwesikolo) yaba-ntsundu yase Wesile. *I-Teacher* leyo bovuyiseka kakulu abahlobo bayo abakwindawo ngendawo, ukwazi ukuba ngu Mr. Henry Hina, wase Mxumbu Emagqunukwebeni. Yabamnandi ke kakulu njengoko senditshilo, ngendawo yokuba yayingabantsundu bodwa, yonganyelwa ipetwe kwangaso—yayindilisekile—kwavunywa kwafundwa (*Recite*) ngabantwana kamandi Kanye kangangokuba kucace kwabanokuqonda ukuba intshaba eziti umntu ontsundu akasokuze abento, emva kwexesha elifutshane, zizakudana kukubona umsebenzi esiyenzayo kwicala lemfundo. Ndiyatemba ukuba bonke ababekona kumzuzu ukuba bayilibale nam ndibalanje (kuba ndandiko) kusoloko kuko intsholo eti nzwi.i.i.i ezindlebeni ebangwa kukuyola kokucula endakuvayo.

Ndingati ukwenza amanqaku ambalwa, yangena 1/2 past 7 o'clock p.m. Waqalwa umsebenzi ngo 8 o'clock—kwati ngokungabiko komfundisi wakona u-Mr. Goduka eye emsebenzini wokwekunzi ngapandle kodwa wayelindeleke ukuba abeko apate Isihlalo--kwacelwa -Mr. R. I. Nukuna (English Church Mission Teacher) ukuba apate

*Isihlala.* Yati yakuba igqityiwe londawo wavulwa umsebenzi, ngokavunywa yi *Choir* iculo 85 ngesi-Xosa, *iversi* zalo zifandwa ngentloko yenye kumantombazanana yesikolo u-Filter Gazo—lati lakugqitywa kwatandazwa—kwavakala kwaoko isandi seculo ukuba into iyakuyola. Kulandele *i-Hymn* or Anthem " Thou will shew me the path of life," yi Choir yonke, kamandi kanye. Kwafundwa [(recite) ngamakwenkwe amabini, ngokuncomekayo kanye, enye u-Peter Lekalakala ngokuvuyela kwe School Holiday. Kulandele *i-Solo* "Will you come with me my pretty one," ngu Miss. Jemima Radasi (umncedisi esikolweni apo) nezifundo kubantwana ababini, yamandi lonto. *l-Choir* yalandelisa nge *Anthem* " Cast thy burden upon the Lord," kamnandi. Kwesuka u-Miss. Mitati Solomon (obeke engumncedisi) wavuma *i-Solo* " Poor Bessie," walandelwa yinkwenkwe yesikolo ngokufunda (recite) u-Silasi Mhlabi. Saqala sanosizi sangenwa yimfesane sakupulapula ukuhlaba kwabo kamnandi ngokucacileyo inteto yasemzini yamaNgesi. *I-Choir* yalandela nge *Anthem* " God will arise," nesifundo (recitatian) ngesi Sutu 136 Psalm yinkwenkwe yesikolo u-Simeon Lekalakala—iguqulelwa esiXoseni yenye u-Jacob Oliphant, ngapandle kwesiposwana nesincinane. Kwulandela i. *Solo* "No tear in Heaven" ngu John Hina, nesifundo (recitation) ngamantombaza amabini esikolo kunye ebuzana ependulana ngesi Ngesi ngokucacileyo kunjengokungati ayazitetela akatabatelanga encwadini—sasuleka imilomo; yati yona *i.Solo* yanga ifunyenwe yimvumi yomlungu eqeqeshiweyo. Sati sakusa amehlo sazibona inyembezi kwabakowabo, kwaqiniseka ukuba "kuse Zulwini kupela apo kungalilwayo." *I-Choir* yalandelisa nge *Anthem* "Blessed are the people," sabangalwa inceba kanjalo zintwana ezincinane zamakwenkwe zintatu ngokufunda (recite) o-Richard Xolimbila no Willie Lutu no Sihoyiyana. Kwalandela *i-Song* yi *Choir* " Merrily glides our Boat," nesifundo (reading) ngu Jacob Oliphant kamandi, sati kuba sifundo sitatyatwe embalini ya Maxosa yetu, saye sisenziwa kakuhle sazimisa indlebe asafana nokuba kuti rece into yokupazamisa. Kwalandeliswa *i-Address* emnandi kunene ngokulunga kwemfundo, nenyameko efanele ukwenziwa ngabazali ngokutumela abantwana emfundweni ngu Rev. J. Goduka (owabuye wafika usahambiseka lomsebenzi). Kwagqityeliswa yi *Choir* nge *Anthem* " Glory to God in the highest" ne *Benediction* ivunywa waba uyapela njaloke lomsebenzi,—esite tina babeko sanga uvagqibela ukubako sanga ungaba uqalela emininzi. Sesona sipiwo sisipiweyo tina bantsundu ukucula oku—lixesha ngoku ukuba kwindawo ezinabantu abaninzi abanokufunda kakuhle nezi-Ngesi, kakulu ezidolopini—kubeko kumiswe *(-societies* ze *music*—ezingasokubazeza mahlelo *ngamahlelo,* ngokuba irnfundo ayikandi kangako kuti, lixesha lokuba sigqobe ezi *Town Hall* kwintlanganiso zabelungu, ukucula kusivumile. Undixolele Mhleli ngokutabata isituba esingaka epepeni nasexesheni lako—andizenzi ndenziwa kukuba into yayimandi—kweyoze ipinde sendobeta nganeno.

# Ibala le Cricket.

E-BAYI PAKATI KWE FEAR

NOT C. C. NE ETHIOPIAN C. C. C.

Ezi club zadlala apa e-Bayi ngo-Mgqibelo November 22nd 1884. Le Ethiopian liqela elisuka kwakwi Fear Not C. C., elitande ukwahluka kwi Fear Not—ngako oko yi club entsha esazamela igama. Yayiqala ukudibana ne Fear Not yahlukile nje. Ngako oko i-match le yayinezizatu zokujongwa kakulu; okokuba i-Ethiopian yayingayitabatanga le match, yayiya kufa zimbokoto ezazise zigxulushiwe ezibatyini zokuyixuluba, ngenxa yokuba ifune inqubelo pambili ne independence. Yadliwa ke i-Fear Not nge 31 runs and 2 wickets. I-Ethiopian yangxangxazelwa ngamatamsanqa abafundisi. Ngamana ihlume pantsi kwalongubo.

"

FEAR NOT C. C.

| FIRST INNINGS. | | SECOND INNINGS. | |
|---|---|---|---|
| F. Makwena, c Hlati ... | 8 | lbw ... | 3 |
| G. Pu, c Xiniwe ..... | 4 | run out | 1 |
| T. Klaas, c Pezisa | 0 | b Ross | 11 |
| B. Swaartboy, run out;.. | 0 | b Ross | 2 |
| P. Rwexu, c Pezisa | 9 | not out | 0 |
| M. Foli (capt ) b Ross .. | 1 | c Mabope | 4 |
| E. Ngcoza, not out | 5 | b Christian | 7 |
| J. Williams, b Ross | 0 | run out ... | 4 |
| J. Radasi, b Pezisa | 1 | b Ross | 1 |
| J. Ragana, c Mabope .. | 0 | run out | 1 |
| 8. Boyce, b Boss ..... | 0 | | 0 |
| Extras ..... | 10 | Extras... | 14 |
| | 38 | | |

| | |
|---|---|
| Grand Total | 48 38 |

FIRS' •IAN C. C. ... 86

| | | | |
|---|---|---|---|
| G. Ross, c Xiniwe | | SECOND INNINGS. | |
| H. Pezisa, b Makwena.. | | | |
| J. Mdana, c Makwena ... | .6 | b c Badasi ..... | |
| B. Christion, run out ... | 3 | c Ngcoza..... | |
| P. Xiniwe (captain) b ... | | " b Swaartboy | 3 |
| Makwena ..... | | ..... | 4 |
| K. Bopi, c Makwena ... | | 0 not out ..... | & |
| D. Hlati, b Swaartboy ... | | 2 c Radasi ..... | 26 |
| •J. Moli, b Swaartboy ... | | b Makwena ..... | 1 |
| A. Mabope, b Swaartby | | c Swaartboy ..... | 20 |
| W. Maqanda, not out ... | | not out | 2 |
| W. Mazantsi, b Swaart-boy ..... | 2 | | |
| Extras ... ' | 12 | | 3 |
| | 0 | | |
| | 0 | | |
| | 0 b Makwena | | |
| | 0 not out | not out | |
| | | Extras | ... 15 |
| | 0 | | 79 |
| | 3 | | 38 |
| | 38 | | |
| | | Grand Total | 117 |

Umdlalo wawupakati kwe Club yakwa Ntselamanzi (Fight Again C. C.) neyase Lovedale Station (Gaika's Imperial C. C.) wadlalwa ngo-Mgqibelo, emva kwesidlo sasemini, ngeveki yokuqala ku December. Kutosiwe lawela kwi Lovedale station, bangena ke, baye bezakubolishelwa ngu A. D. Matayo no Bokwe. Bahlala pakati iyure yanye benza 43. Bangena ngeyesibini abahlala kakuhle benza 38 Sati sisonke sayi 81. Yangena Imperial yagqiba ama 59 ngeyokuqala, yangena eyesibini yenza ama 52, latshona ilanga. Sati sisonke sali 111, awavena, kangela nango amanani.

FIGHT AGAIN C. C.

FIRST INNINGS.

| | |
|---|---|
| S. Mtulo c T. Konongo | |
| D. Matayo run out | |
| A. Mntulo b B. Balfour | .. 0 |
| J. Matayo c B. Balfour | .. 7 |
| W. Matayo c T. Konongo | . 3 |
| D. Mbeje c T. Konongo | .. 0 |
| T. Ngxe b B. Balfor ... | .. 10 |
| H. Mbeje b B. Balfour | .. 1 |
| M. Bokwe c E. Majiza | .. 0 |
| W. Hani not out | .. 4 |
| J. Matayo leg b wicket | .. 4 |
| Extras ..... | |

GAIKA'S IMPERIAL C. C.

FIRST INNINGS.

| | |
|---|---|
| B. Balfour c T. Ngxe | |
| R. Balfour b B. Bokwe | |
| J. Balfour b D. Matayo | |
| S. Rwaxa b B. Bokwe | |
| T. Konongo b B. Bokwe | |
| T. Konongo b D. Matayo ... | |
| J. Mayase b D. Matayo | |
| C. Gqoba run out ..... | |
| J. Gqoba b D. Matayo | |
| M. Hanise b D. Matayo | |
| W. William not out..... | |
| Extras ..... | |
| Total ..... | |

